



## CHIEF MARKER'S REPORT

**SUBJECT:**

**ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE PAPER 2**

### 1. ANALYSIS OF QUESTION BY QUESTION PERFORMANCE

#### QUESTION 1

Umvavanyi ebefuna ukuba abavavanywa bakwazi ukunxulumanisa “ukusa nempumelelo” ngokumayelana nendima edlalwa nguMpumelelo kwincwadi Kusa Kusihlwa. Iziphumo zezifundo 1-5 zibe nacho ukuqukumbeleka kwimigangatho yokuhlola ebijongiwe.

#### QUESTION 2

Lo mbuzo ulungiselelwe ukukhawulelana nazo zonke iindidi zabafundi, ukususela kumbuzo ofuna impendulo enye ukuya kwexhasayo. Akakho umfundi obengenakho ukuqhuba kakuhle ngendlela evele ngayo imibuzo.

#### QUESTION 3

Lo mbuzo ubuzwe ngobuchule obukhulu kangangokuba abafundi abawukhethiyo baye bazinikela beveza ingqiqo nolwazi oluphangaleleyo, iimpendulo zabo ziveze ukuba banokulusebenzisa kwiimeko zobomi.

#### QUESTION 4

Imibuzo ebuziweyo ijongene yangqala ekwakheni nasekuxhobiseni ulutsha, ngeemeko ezingentlanga ezinokudalwa kukusetyenziswa kweziyobisi nobugewu.

Sifunde nesifundo sokuba umntu ophetheyo umele ukuba nomqolo angabi bhetyebhetye elulawulweni lwakhe.

### **QUESTION 5**

Lo mbuzo ube mbaxa nook kuba abafundi abaninzi ababanga nacho ukunikezela ngokupheleleyo nto leyo ibonisa ukuba kwa ukumamela umbuzo kube namagingxigingxi. Le nto iye yababetha abafundi ekusebenziseni ulwimi ngokufanelekilyo.

### **QUESTION 6**

Nangona ubuzwe kakuhle lo mbuzo uwonke, imibuzo 6.1.4, 6.3 ibe nawo amakhwiniba angala: Ngekusetyenziswe amagama afikelelekayo umzekelo endaweni yomsantsa (iyantlukwano)  
6.3. Noko ngekusetyenziswe izivakalisi ezingaphezu kwesibini ukunika abafundi umhlaba omninzi wokunika impendulo echanekileyo.

### **QUESTION 7**

Lo mbuzo ubuzwe kakuhle kakhulu kuba ucangcatha kanye kumqolo wesizwe esintsundu ISIKO, ngoko ke abafundi babonakalise ukuwuphendula ngomdla, ngobuchule nangengqiqo bezalanisa nentlalo kaXhosa.

### **QUESTION 8**

Lo mbuzo uxhobisa ulutsha ngeendlela zokuziphatha nokunyamezela esikolweni ukuze umntu akhethe ikhondo elililo, kumbuzo 8.1.3. kukho impazamo malunga nempendulo yememorandum: isifanekisozwi u-chu, sibonisa ukuhlala ngendlela engazinzanga hayi ukucotha njengoko kuvelile kwimemorandum.

### **QUESTION 9**

Yonke imibuzo iye yamkeleka nabafundi baveze ulwazi (abo bawukhethileyo) nengqiqo kwiimpemulo zabo. Umfundi ngamnye ubenakho ukunxulumanisa ulwazi lwakhe lombongo kunye neemeko zobomi. Intuthuzelo nentsebenziswano zizixhobo zobomi.

### **QUESTION 10**

Nalo umbuzo ungqamene nokuyala unike neengcebiso kulutsha, umntu ngamnye uyakunqwenela ukuba nesidima kuba iimpawu zomntu wokwenene zizo ezizenza abe ngummi ondilisekileyo wesizwe.

### **QUESTION 11**

Inyaniso sisiseko saso nasiphi na isizwe, xa ulutsha lunokukhuthazwa lunqwanqwadelwe enyanisweni, isizwe singahlambuluka ukuqala ekhayeni ukuya epalamente. Umbuzo 11.1. (ngokwememorandam) impendulo UMATHUNGA ayichanekanga, eyona iyiyo NGUMAKHI.

### **QUESTION 12**

Ube mhle wona lo mbuzo kuba abafundi bawufunde bawuva baze babhala ngokuchanekileyo nangona kuye kwakho ukungayiqondi ncam (kwicala labo) kumbuzo 12.3. iinjongo zomvavanyi azivelanga : ukuphindaphindwa kwebinzana “uMafungwashe wam” kugxininisa kwintsingiselo kaMafungwashe ngaphezu kokubanga njengoko kuvelile kwimemorandam.

## **7. ANY ADVICE THAT YOU COULD GIVE TO EDUCATORS TO HELP LEARNERS TO REACH THE EXPECTED LEVELS**

Ootitshala bacetyiswa ukuba bazixube iincwadi, unyaka usaqala khon'ukuze babe nakho ukuwuqabelisa wonke umsebenzi omiselwe unyaka. Loo nto iyanceda nakwiimeko ezingalindelekanga ezinokuthi zibangele ukuba umsebenzi unqamkela phambili.